# Sukungxama, Sylvia, sukungxama!

Umfundisi-ntsapho:

La manqaku enzelwe ukukunceda ekucwangciseni nasekufundiseni lo msebenzi. Akudingeki ukuba akhutshelwe ngabafundi.

Lo msebenzi ujolise ukuphuhlisa lo mGangatho wokuHlola:

*2.2.13 Esebenzisa ulwimi olufanelekileyo kwiinjongo ezahlukeneyo (ukuxolisa, ukumema) nakubantu abahlukeneyo (udliwano-ndlebe nabantu nokulinganisa).*

Fundela iklasi:

Nakhe nawubukela umdlalo weqonga? Umdlali ngamnye uthetha indawo yakhe. Abadlali babizwa ngokuba ngabalinganiswa.
Umboniso ngamnye unesakhiwo esibonisa apho uqhubeka khona umdlalo.
Ningazenzela owenu umdlalo ongeli bali. Nisibhalelwe isiqendu sokuqala salo mdlalo. Kufuneka ukuba nina niligqibezele. Lisebenziseni njengesikhokelo ke eli bali.
Zahluleni nibe ngamaqela angabahlanu nantandathu. Iqela ngalinye malifunde umdlalo ze ligqibe ukuba ngoobani abaza kuba ngabalinganiswa. Nakugqiba zigqibezeleleni umdlalo.
Mhlawumbi kuza kufuneka ukuba nongeze abalinganiswa - umntu omnye angadlala iindawo ezimbini. Akudingeki ukuba niyibhale phantsi le ndawo niyifakeleyo, kodwa kufuneka niwazi onke amazwi enu, namaxesha eniwathetha ngawo!

Kuza kufuneka ukuba nilungiselele umboniso. Akunyanzelekanga ukuba kubekho isiteji - ningenza indawo apha eklasini. Nazi izinto eninokuzibeka esitejini: isitya necephe, idesika nesitulo, incwadi nepensile, umnxeba...

Ziqhelaniseni nomdlalo phambi kokuba niwudlale phambi kwabantu. Khumbulani ukuba nithethe ngokucothayo nangokucacileyo, nidlale nangobuso. Sebenzisani iingalo nemilenze nemizimba yenu ukubonisa okwenzeka ebalini.



# Sukungxama, Sylvia, sukungxama!

Igama ______________________________

Umhla ______________________________

**ABALINGANISWA:** USylvia, umama, utata, umakhulu, utitshala…

**UMBONISO:** Umama, utata, umakhulu noSylvia bahleli etafileni bayatya.

USYLVIA *(utya ukutya kwakhe ngokukhawuleza):* Ndiyakuthanda ukwenza izinto ngokukhawuleza!

UMAMA: Sukungxama, Sylvia, sukungxama! Akulunganga ukukhawuleza kangaka xa usitya.

USYLVIA *(ethetha notata ngokukhawuleza):* ______________________________

______________________________

*(Bhala ocinga ukuba uyithethile uSylvia.)*

UTATA: Sukungxama, Sylvia, sukungxama! Andikuva ukuba uthini.

*(USylvia nomakhulu bashiya itafile bavalelise. Behla indlela. USylvia uyakhawuleza kodwa yena umakhulu uyacotha.)*

UMAKHULU: Sukungxama, Sylvia, sukungxama! Andikwazi kuhamba ngokukhawuleza mna.

USYLVIA: ______________________________

______________________________

*(Bhala ocinga ukuba uyithethile uSylvia.)*

*(USylvia ufika esikolweni ahlale phantsi enze umsebenzi wakhe.)*



UTITSHALA: Sukungxama, Sylvia, sukungxama. Andikwazi kuyifunda into oyibhalileyo!

USYLVIA: Wonke umntu uthi, sukungxama, sukungxama, sukungxama! Yintoni endinokuyenza ngokukhawuleza?

**Emaqeleni enu gqibezelani umdlalo lo ze niwulinganise. Akunyanzelekanga ukuba niwubhale phantsi wonke.**